Intsholongwane yGranji

IHLANGANA

NABALWI BENTSHOLONGWANE

Kudala, Kwakukho intsholongwane egama layo lingu Grungy.

Ngoku, intsholongwane efana no Granji intsholongwane ayisiso silwanyana.

Ayiso sityalo.

Yinto encinci kangangokuba awunakuyi-bona! Kodwa nangona ungenakuyibona, ise nokukwazi ukungena ngaphakathi emzimbeni wakho ikwenze ugule.

Ngenxa yokuba ungenakumbona, awusoze uyazi intsolongwane uGranji ukuba iphi!

Iintsholongwane ezifana nale ingu Granji zisenoku ncamathela ezandleni zakho.





Iintsholongwane ezinje ngale inguGranji zisenokuncamathela ekutyeni okumdaka kunye naphezu kwekhawuntari.





Iintsholongwane ezifana nale inguGranji zisenokuncamathela ezimpumlweni, emilonyeni nasezilondeni.

Iintsholongwane ezifana nale inguGranji sizenokuhamba no-moya. Zisenokusuka kule ndawo ziye kwenye xa izinto ezinee ntsholongwane zibambelela kwabanye abantu okanye izinto.



Ngenye imini, intsholongwane uGranji wahamba efuna indawo yokuzimela. “Ndizakufuna abantwana,” watsho. “Xa ndiba-fumene, ndizakuhlala kubo ngaphakathi ndibenze BAGULE.”

Intsholongwane uGranji yaya endlini ethile, kuba izindlu izindawo ezilungileyo onokufumana kuzo abantwana.

Endlini wafumana igumbi lokuphekela/ikitshi.
Kwakukho abantwana egumbini lokuphekela/ekhitshini!

“Heke!” watsho uGranji. “Zininzi indawo endinokuzimela kuzo apha ekhitshini/egumbini lokuphekela! Ndizakuhlala ngaphakathi kwaba bantwana ndibenze bagule.”

Intsholongwane uGranji yabona ukuba abantwana abalubekanga kakuhle/abaluqoqoshanga ubisi nesonka samasi.

“Ndiyakuthanda ukuzimela ekutyeni okufudumeleyo imelukuba iyabanda le!” watsho.



Intsholongwane uGranji wafumana iziqhamo kunye nemifuno engahlanjwanga.



“Ndiyakuthanda ukuzimela kwiziqhamo kunye nemifuno emdaka!” watsho.

Intsholongwane uGranji yasele yafumanisa ukuba abantwana bashiye izihlangu ezimdaka kunye nengxowa phezu kwekhawun-tari, apho kwenzelwa ukutya.

“Ndizithanda NYHANI ikhawuntari ezimdaka!” watsho.

Ingakumbi intsholongwane uGranji yabona ukuba abantwana sebezakutya. . .

...bengazi HLAMBANGA IZANDLA ZABO.



“Kuzo zonke indawo endinokuzimela kuzo,” watsho, “Izandla ezimdaka zezona ndizithandayo!”

Intsholongwane uGranji yayisazi ukuba angazimela ezandleni ezimdaka zabantwana, ingangena phakathi emizimbeni yabo, bengayazanga lo nto!



Wayesazi ukuba xa ephaya, angenza abantwana bagule.

Kodwa intsholongwane uGranji ithe isazilungiselela ukuzimela ezandleni ezimdaka zabantwana ukuze ingene emizimbeni yabo…

…abantwana baqalisa ukuhlamba izandla zabo! ngeSEPHA!
Kunye naMANZI ASHUSHU!



“Yho Haayiii!” yakhala intsholongwane uGranji.

“Makube bangamagosa alwa Neentsholongwane!

Abahlambi nje izandla zabo kodwa ba-zihlamba ngesepha namanzi ashushu, kwaye bazihlamba ixesha elide.

Bazihlamba zonke iindawo zezandla zabo!

Aaatshu!”

Yaba sisiphelo sentsholongwane uGranji.

Abantwana abazange baguliswe yintsholongwane uGranji.
Abantwana bayisusa intsholongwane uGranji ngokuhlamba izandla zabo...



phambi kokuba batye,

emva kokusebenzisa indlu yangasese,

emva kokudlala phandle,

. . . Kunye nasemva kokuthimla / ukukhohlela / ukufinya.



Ngoko ke soloko ukhumbula ukuhlamba izandla ZAKHO, ukususa intsholongwane uGranji kuwe, nawe!